SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo line:

   ICANDELO A: Idrama (40)
   ICANDELO B: Inoveli (40)

2. Phendula imibuzo kwincwadi ENYE oyifundisiweyo (40 amanqaku).

3. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kombuzo ngamnye.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-90
   ICANDELO B: Imizuzu engama-90

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## ICANDELO A: IDRAMA

**QAPHELA:**

Phendula imibuzo esekwe kwiDrama/kwiNoveli oyifundisiweyo kuphela.
Kwincwadi oyifundisiweyo phendula yoMIBINI imibuzo esekwe kuyo.

### UMBUZO 1: *SAKOHLULWA ZIINDUDUMO* – Isaac Tau

1.1 Funda esi sicatshulwa soncwadi singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

*Kungena uNomhi ngaselunxwemeni lomlambo kuxa eza kuthwala i-emele enamanzi. Wothuswa kukuthi gqi kukaNzima engakhange ambone ukusondela kwakhe.*

..........................................................................................

NOMHI: Akukho ngxaki kum xa loo nto iza kukholisa wena. Mna ndiziindlebe nje ndonke. Yitsho ndive.

NZIMA: Ziyintoni iinjongo zakho kulo mnyaka uzayo Nomhi?

NOMHI: Ndiza kuya kwanokholeji. Iphupha lam kukuba ndime phambi kweklasi. ***(Amthi krwaqu ngamehlo abuzayo.)*** Ucinga ntoni wena ngaloo nto?

NZIMA: Ndivuyisana nawe wethu.

NOMHI: Wena ucinga ukwenza ntoni?

NZIMA: <u>Ndiza kuba yititshala oku kwam</u>. Kukho iititshala *maan* othi uhleli nje ungas'ke ufane nazo apha ebomini.

NOMHI: Nzima umhle nyhani ubona nje andikubhanxi. Khangela ukufaneleka kwale wotshi nezi kawusi uzinxibileyo ...

1.1.1 Xela indawo abancokola bekuyo uNomhi noNzima. (1)

1.1.2 Ziyintoni iinjongo zikaNomhi kulo nyaka uzayo ngokwesi sicatshulwa? (2)

1.1.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

Amagama abhalwe ngqindilili kwisicatshulwa abonisa ...

A ixesha.
B intshukumo.
C abalinganiswa.
D indawo. (1)

1.1.4 Nika amagama abazali bakaNzima. (2)

1.1.5 Xela iindaba ezimbi uNzima aza kuzifumana kubazali bakhe emva kwalo mboniso. (2)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

1.1.6 Nika isizathu sokuba uGaba acinge ukugxotha uMamNtlane. (2)

1.1.7 Yinyaniso okanye bubuxoki ukuba uMate wayefuna ukuba uNomhi ahlale ethandana noNzima? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.8 Khetha iziganeko zibe ZIBINI ezenzekileyo kulo mdlalo:

A USongezile unikezele ngobungqina enkundleni.
B UNomhi ukhulelwa umntwana kaDuke.
C Utata uGaba uyasweleka.
D UMamNtlane ugxothwa nguGaba. (2)

1.1.9 Yintoni le uNomhi wayengayazi ngokubanjwa kukaNzima? (2)

1.1.10 Nika izinto zibe MBINI ezimbi ezehlele uNzima kule drama. (2)

1.1.11 Xela into eyenziwe nguNomhi ebonisa ukuba akasigcinanga isibhambathiso sakhe noNzima. (2)

**KUNYE**

1.2 Funda esi sicatshulwa soncwadi singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA B**

*(Emzuzwini kunkqonkqozwa phandle, kuvakala isikhalo esikrakra sosana. Kuqhekezwa ucango ...)*

NZIMA: Nguye lo? *(UNomhi unqwala intloko encumile. UNzima uyamphakamisa. Adlale naye. Kungekudala kungena uDuke.)*
DUKE: Nguye lo uNzima? Nguwe lo uchitha umzi wam? Umzi wam uyaphela ngenxa yakho. *(Ekhupha umpu.)* Watsho kuwe wathi **nakwahlulwa ziindudumo**. Nakum utsho njalo. Kuyaphela okwethu namhlanje. *(Athi xa aza kudubula uNomhi naye encamile ebambe usana kungene uVido.)*
VIDO: Beka loo mpu sishumanendini segwala.
DUKE: Kweku! Kanti nindibhungile <u>maqabandini aseTinarha</u>. Imini inye yile yanamhlanje. Ndithi kuni kuza kwaziwana.
NZIMA: Khulula uNomhi ahambe sidengendini sithi sifundile. Akufundwa ngoku, unani na? *(Emtsibela. Bayajijisana ngompu. UNomhi uthi hlasi usana ngokukhawuleza, uyaphuma. Kuvakele ngesithonga emva kwakhe.)*

1.2.1 Ngubani lo amphakamisayo uNzima kwesi sicatshulwa? (1)

1.2.2 Yintoni le athi uDuke yenziwe nguNzima? (2)

1.2.3 Xela ukuba kutheni uDuke engafuni ukuba uNomhi agoduke. (2)



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

1.2.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

Udidi lwesafobe esibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa ...

A sisikweko.
B sisimntwiso.
C sisifaniso.
D sisibaxo. (1)

1.2.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Amazwi akrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa amzoba uDuke njengomlinganiswa (onosizi/onendelelo).
Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2.6 Sazi njani ukuba lo mntwana kuthethwa ngaye kwisicatshulwa ngokaNzima? (2)

1.2.7 UNzima wayazi njani indawo ahlala kuyo uNomhi eKapa? (2)

1.2.8 Matanisa amagama abantu akuKHOLAM B kunye namazwi abawathethayo kuKHOLAM A. Bhala kuphela unobumba nenombolo efanelekileyo.

Umzekelo: (c) = (iv)

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Kuthiwa kukho amadoda amabini andifunayo phaya eSqueezers. | (i) NguMatesh |
| | (ii) NguMate |
| (b) Ingangubani omnye ngaphandle kwalaa notrongo wakho? | (iii) NguDuke |

(2 x 1) (2)

1.2.9 Xela ukuba uMate wamcebisa ukuba enze ntoni uNomhi ngomsesane wengeji awayewunikwe nguNzima. (2)

1.2.10 Ngqina ukuba uNomhi wayephethwe kakubi nguDuke. (2)

1.2.11 Ingaba uyasithanda isiphelo salo mdlalo? Xhasa impendulo yakho. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 40**


SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## ICANDELO B: INOVELI

## UMBUZO 2: *NANDIWEZA* – Mbulelo Nzo

2.1 Funda esi sicatshulwa soncwadi singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA C**

> UShoba waba yimvuzemvuze bububele, kucaca ukuba ufikelwe ngabantu abaxabise kakhulu. Wayexelela wonke umntu amaziyo ngezi ndwendwe; abanye wayede abamemele endlwini yakhe. UNyikita noKhanyizire bazigcina izigqibo zabo zokungathethi nto ngoLuwanika de baqhele elo zwe. Babesazi ukuba uShoba uyamazi uLuwanika ngako oko belindele ukuba uza kumbiza naye ukuba uyamazi apho ahlala khona. Bathi bakuqaphela ukuba noShoba akathethi nto ngoLuwanika, baqiniseka ukuba akazi nto ngaye. UShoba wayenaso isikrokro sokuba inokuba ikho into eze kubaphosa apha aba babini. Yayilulunqa kuye into yokuba indlala nentlupheko zinokususa abantu eMalawi zize kubaphosa kude kangaka, wagqiba ngelithi yobuya icace.
> UKhanyizire wayelinene elingahlalwa mpukane. Wayebonakala nje ukuba uyawuthanda umsebenzi ...

2.1.1 Xela indawo awayebamemele kuyo abantu uShoba. (1)

2.1.2 Ziyintoni iinjongo zikaNyikita noKhanyizire zokungathethi nto ngoLuwanika kwesi sicatshulwa? (2)

2.1.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

UShoba noLuwanika ...

A basebenza kunye.
B basuka eMalawi bobabini.
C bakumbutho omnye.
D baqala ishishini kunye. (1)

2.1.4 Nika isizathu sokuba uNyikita noKhanyizire beze eMzantsi Afrika. (2)

2.1.5 Xela iindaba ezimbi uLuwanika aza kuzifumana kuNora. (2)

2.1.6 Yinyaniso okanye bubuxoki ukuba uNyikita wayefunde izifundo zokuba ngugqirha? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.1.7 Nika amagama amaphakathi kaMwera. (2)


SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

2.1.8 Khetha iziganeko zibe ZIBINI ezenzekileyo kule noveli:

A UKhanyizire noBiggs bajijisana ngencwadi.
B UMwera ufika eDurban.
C ULuwanika utyholwa ngobuqhetseba.
D UNyikita uyabanjwa eBisho. (2)

2.1.9 Yintoni le uNyikita wayengayazi ngoKhanyizire ngethuba bedibana noLuwanika kwihotele i-*Blue Waters?* (2)

2.1.10 Xela izinto zibe MBINI ezimbi ezehlele uNyikita ngethuba eseDurban. (2)

2.1.11 Nika isizathu sokuba uMwera afune ukuba kuziwe naye ephila uLuwanika. (2)

**KUNYE**

2.2 Funda esi sicatshulwa soncwadi singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA D**

| |
|---|
| 'Xa utshutshisa umntu uyamomeleza. Mna lo nithe kanti niyandiweza ngempatho yenu. Nini abandinyusileyo ndada ndangumlawuli jikelele phaya eMzantsi Afrika. Ndize kunivusa nani ukuze nibe ngabalawuli abanempumelelo kwiindawo ...' Kungoku nje uLuwanika yingqwayingqwayi <u>ekwasisinhanha</u> esixatyiswe eMzantsi Afrika naseMalawi. USakayire noKasayi baye bathengwa basebenza kwifama kaLuwanika eyiNandiweza. Banikwe amasimi bazilimela bahlutha bubhukuxeka kunye neentsapho zabo. Basigqibe isigwebo **beneentsiba**. Baphinde bangamaphakathi kaMwera athembakeleyo. Kungoku nje uNyikita sele engumgcini wefama kaLuwanika apho neyakhe imfuyo yanda khona. Siva ukuba ulungiselela ukuthenga eyakhe. Naye uthi igama layo liya kuba nguNdawela. UKhanyizire yena unemizi emibini emikhulu, omnye useMzantsi Afrika kanti nanko omnye eLilongwe. ULuwanika ungumcebisi kaBiggs kwezoshishino kanti ukwayintonga esekhosi kaMwera. |

2.2.1 Xela libe liNYE igama lomntu otshutshise uLuwanika ngokwesi sicatshulwa. (1)

2.2.2 Yintoni le athi uLuwanika imbangele ukuba abe ngumlawuli jikelele eMzantsi Afrika? (2)

2.2.3 Xela ukuba kutheni uLuwanika wathenga uSakayire noKasayi ukuba baze kumsebenzela. (2)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za

This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS



2.2.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Udidi lwesafobe esibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa ...

A sisikweko.
B sisaci.
C sisifaniso.
D sisimntwiso. (1)

2.2.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Inkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa imzoba uLuwanika njengomlinganiswa (olungileyo/osisityebi). Xhasa impendulo yakho. (2)

2.2.6 Sazi njani ukuba uNyikita wayephantse wafela eDurban? (2)

2.2.7 ULuwanika wazi njani ukuba uyafunwa kwindlu yamatyala eLilongwe? (2)

2.2.8 Matanisa amagama abantu abakuKHOLAM B kunye neendima zabo ezikuKHOLAMU A. Bhala kuphela unobumba nenombolo efanelekileyo.

Umzekelo: (c) = (iv)

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) 'Ndokhe ndidibane noNyikita sifune icebo lokucupha la masela.' | (i) NguMwera |
| | (ii) NguSakayire |
| (b) 'Andimazi ukuba uLuwanika lo ukumonela ngantoni.' | (iii) NguLuwanika |

(2 x 1) (2)

2.2.9 Xela ukuba uBiggs wamcebisa ukuba enze ntoni uLuwanika akuva ukuba uneentshaba ezimkhangelayo. (2)

2.2.10 Ngqina ukuba uNyikita wenza impazamo ngokutyhola uLuwanika ngokuba iinkomo zakhe. (2)

2.2.11 Ingaba uyasithanda isiphelo sale noveli? Xhasa impendulo yakho. (2)

**AMANQAKU ECANDELO B: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 40**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African